# Yenza utiki ogwencelayo

## Izinto ekufuneka unazo

ikhadibhodi
iseloteyipu
iipeni ezinemibala neekhrayoni
isikere
2 iiklipu zamaphepha
iglu
ipensile
3 iimitha zomtya obhityileyo
2 iintsimbi ezincinci
istro sokusela

## Imiyalelo

1. Ncwela utiki umsike.
2. Zoba apha ngaphandle kwalo tiki ekhadibhodini, kabini.
3. Bancwele ubasike bobabini ootiki bakho bekhadibhodi.
4. Zoba ubuso neempahla komnye utiki. Iza kuba ngumphambili ke lo.
5. Zoba umva weempahla nomnqwazi komnye utiki. Iza kuba ngumva ke lo.
6. Ncamathisela istro ngasemva kwisandla ngasinye sikatiki ongaphambili.
7. Ncamathisela ootiki bobabini ngeglu. Babambe ngeeklipu zamaphepha de yome iglu.
8. Rhintyela umtya esebeni uwugqobhozele kwizitro ezandleni zikatiki.
9. Bophelela intsimbi encinci ekugqibeleni emacaleni omtya omabini.
10. Utiki wakho ukulungele ukugwencela ngoku. Tsala umtya kwelinye icala, uphinde utsale kwelinye.

# Yenza utiki ogwencelayo





